

Ukuba awukwazi ukuncancisa ngebele, ukuseza ngekomityi yeyona ndlela ifanelekileyo ngoba...

- Nentsana ezincinci ezizelwe phambi kwexesha zinakho ukusela ngekomityi
- Isebenzisa amandla osana kancinci
- Kulula nakubani na ukusebenzisa ikomityi
- Icocekile, kuba iikomityi zihlambeka lula
- Ubisi lukamama likhameleka lula ekomityini
- Ikhuselekile kuba usana uyalusingatha, ulujonge xa lusela
- Lusebenzisa ulwimi ngandlela nye naxa luncanca ebeleni, ngoko ke kungalula luncance ebeleni likanina xa likulungele oko
- Usana lusela lungangxamanga kwaye lusela kangangoko lufuna
- Ayinandleko / Uyonga- Ungasebenzisa nayiphi ikomityi (eyona encinci ilungile)



URhulumente wezeMpilo eNtshona Koloni
ICandelwana loMlawuli weeNkqubo zamaZiko-
mpilo: INkqubo yeSondlo eHlangeneyo

Ifowuni: 021 483 2275

Kutheni ukusebenzisa ikomityi kungcono kunokusebenzisa ibhotile?

Kucocekile

ikomityi icoceka lula ngesepha namanzi.

Akulula ukugcina amasalela ngekomityi.

Ibhotile netiti kunzima ukuzihlamba.

Ibhotile zizo ezingunobangela worhudo. Maxa wambi ukuyenza ibhotile ithuba elide phambi kokuyisebenzisa kunga ngunobangela wokuba usana lugule.

Ukuncanca

Ikomityi ayiphazamisani nendlela usana oluncanca ngalo ibele.

Ukuncancisa ngebhotile kungabangela usana lungafuni ukuncanca ibele.

Unxulumelwano nomama

Usana kufuneka luvuke lusingathwe ngumama xa lusela ngekomityi.

Xa luncanca ngebhotile maxa wambi lushiya lodwa ibhotile iqanyeliswe ngomqamelelo.

Ukhuseleko

Usana lusoloko lujongiwe xa lusela ngekomityi.

Uninzi lweentsana lushiya lodwa neebhotile oko kunokubangela ukuba usanalunyukwe/ lutsarhwe.

Ixesha

Nangona usana luthatha ixesha lalo, kodwa liyakhawulezisa.

Kanti xa luncanca ngebhotile luyacotha.



URhulumente weNtshona Koloni

EzeMpilo

UBAMBISWANO NGAMANDLA.



Seza Ngekomityi xa ungancancisi

Uluselisa njani usana lwakho ngekomityi

kukhuselekileyo kunebhotile
Ukuseza ngekomityi kokona



Zonke iint-
sana zingas-
ezwa, ezizelwe
phambi kwex-
esha okanye
ezincinci
kakhulu

- Usana lwakho malube luvukile
- Lusingathe usana lwakho
- Xa kuyimfuneko, membathise iingalo zakhe ukuze angayingqubi ikomityi
- Mxhase uyisekele intloko yakhe
- Ubisi malube sisiqingatha sekomityi

Ukutyisa umntwana wakho ngekomityi kukhuselekile kunangebhotile



- Sondeza ikomityi emilebeni yosana lwakho
- Xa evula umlomo thambekisa ikomityi
- Ikomityi mayihlale kancinci phezu komlebe wangezantsi
- Musa ukulugalela ubisi emlonyeni wosana
- Usana lwakho luya kuziselela ubisi ekomityini



- Luphumze usana lwakho phakathi kwexesha nexesha
- Xa usana lwakho lwanele, luza kuwvala umlomo lungavumi ukusela
- Qaphela ukuba usana lwakho lusela kangakanani ngemini yonke hayi ngexesha elinye



OKUBALULEKILEYO

Ubisi lwebele lelona lilungele iintsana, kodwa ngamanye amaxesha ukuncancisa ngebele akwenzeki. Ukuseza ngekomityi kube kokona kulungileyo, kwaye kukhuselekileyo